



Bhalisa Inkulisa

INkcukacha zamaZiko Afaka iZicelo
zoBhaliso lweNkathalelo yaBantwana

Bhalisa Inkulisa

INkcukacha zamaZiko Afaka iZicelo
zoBhaliso lweNkathalelo yaBantwana

Contact:

Ilifa Labantwana, DG Murray House
1 Wodin Road (corner of Protea Road),
Claremont, Cape Town, 7700
+27 (21) 670 9847
info@ilifalabantwana.co.za
www.ilifalabantwana.co.za



NAG
NETWORK ACTION GROUP



Ukusetyenziswa kwalo Mqulu woLwazi

Lo mqulu wobhaliso wenzelwe ukuncedisana namaziko e-ECD afaka izicelo zobhaliselo lwenkathalelo yabantwana. Inxenye yokuqala yalo mqulu iya kukukhokelela kumaxwebhu ekufuneka uwagcwalisile. La maxwebhu aqulathwe kwiSihlomelo 1. Inxenye yesibini yomqulu iya kukukhokelela kumalungiselelo eziko lakho le-ECD kuhlolo olwenziwa nguNontlalo-ntle kunye nomhloli wokusingqongileyo wezempilo. Ekugqibeleni kulo mqulu siSihlomelo 2, esiqulathe amaxwebhu athile awongezelelweyo anokunceda ekuqhubeni iziko lakho le-ECD yonke imihla. Oku awunyanzelekanga ukuba ukufake kunye nesicelo sakho sobhaliso lwenkathalelo yabantwana.

Okubalulekileyo



Imibuzo neempendulo



Isalathisi

Izifinyezo

| | |
|-----|-----------------------------------|
| DSD | Department of Social Development |
| ECD | Early childhood development |
| EHP | Environmental Health Practitioner |
| NPO | Non-profit organisation |
| NQF | National Qualifications Framework |
| PTO | Permission to occupy |

ISiqulatho

| | | |
|----------|--|-----------|
| 1 | UMthetho waBantwana | 1 |
| 2 | Indlela yokufaka isicelo sobhaliso lwenkathalelo yabantwana | 3 |
| | Kufuneka ndilibhalise nini iziko lam njengesibonelelo senkathalelo? | 3 |
| | Kufuneka ndilibhalise nini kwakhona iziko lam lobhaliso? | 3 |
| | Isebenza njani le nkqubo yobhaliso | 3 |
| | Ngawaphi amaxwebhu ekufuneka ndiwagqithisile? | 4 |
| | Isicwangciso seshishini | 4 |
| | Izatifikethi zesiqinisekiso phantsi kweSigaba B seRejista yeSizwe yoKhuseleko loMntwana. | 5 |
| | Izatifikethi zamapolisa zoqinisekiso nee-afidavithi | 6 |
| | Irejista yobukho | 6 |
| | Isicwangciso senkathalelo yemihla ngemihla. | 7 |
| | Uxwebhu lweMvume yokuHlala, isivumelwano sengqeshiso nelungelo lomhlaba | 8 |
| | Ubhaliso nomgaqo-siseko wombutho ongenzi nzuzo | 8 |
| | Izicwangciso zexesha likaxakeka | 8 |
| | Umgqo-nkqubo woluleko | 9 |
| | Ulwakhiwo lwezikhundla zabalawuli. | 9 |
| | Izicwangciso ezamkelweyo zolwakhiwo | 9 |
| | Ulwamkelo lwemida. | 10 |
| | Imenyu yemihla ngemihla | 10 |
| 3 | Indlela yokulungiselela uhlolo | 11 |
| | Ukhuseleko. | 11 |
| | Ucoceko jikelele | 12 |
| | Indawo nokungena kwanokuphuma komoya (iventileyishini). | 12 |
| | Amanzi okusela | 14 |
| | Izindlu zangasese | 14 |
| | Ugcino olukhuselekileyo lwezinto ezinobungozi. | 15 |
| | Ukulahlwa kwenkunkuma | 15 |
| | Amalungiselelo okutya | 15 |
| | Ukwahlukaniswa kwabantwana ngokweminyaka yabo | 16 |
| | Ukukhathalelwa kwabantwana abangaphilanga | 17 |
| | Imigaqo-nkqubo yenkathalelo yempilo | 17 |

| | |
|---|-----------|
| Ukukhubazeka | 18 |
| Izicwangciso zexesha likaxekeka | 18 |
| Izithuthi. | 18 |
| lingxelo neerejista | 18 |
| ISihlomelo 1: Amaxwebhu okufaka isicelo | 20 |
| 1.1 Uluhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa xa kufakwa izicelo. | 22 |
| 1.2 IFomu 11 – Ifomu yesicelo sobhaliso lwenkathalelo yomntwana | 24 |
| 1.3 Isicwangciso seshishini sobhaliso lwenkathalelo yomntwana | 26 |
| 1.4 Ifomu yesicelo soqinisekiso kwiSigaba B seRejista yeSizwe yoKhuseleko loMntwana - Fomu 29 no-30. | 33 |
| 1.5 Ithemplethi yerejista yobukho rhoqo ngenyanga | 36 |
| 1.6 Isicwangciso semihla ngemihla senkathalelo yomntwana. | 37 |
| 1.7 Ithemplethi yesivumelwano sengqeshiso | 39 |
| 1.8 Isicwangciso sexesha likaxakeka | 44 |
| 1.9 Umgaqo-nkqubo woluleko | 46 |
| 1.10 Ulwakhiwo lwabalawuli | 48 |
| 1.11 Imenyu yemihla ngemihla | 49 |
| ISihlomelo 2: Imigaqo-nkqubo neerejista – ezingahambi nesicelo | 52 |
| 2.1 Ithemplethi yerejista yeengozi neziganeko. | 53 |
| 2.2 Ithemplethi yefomu eyeyakho nembali yonyango | 54 |
| 2.3 Umzekelo womgaqo-nkqubo wempilo, ukugula nococeko | 58 |
| 2.5 Ithemplethi yokunika amayeza | 62 |
| 2.5 Umzekelo womgaqo-nkqubo wezithuthi | 63 |
| 2.6 Ithemplethi yefomu yokwamkelwa komntwana | 64 |
| Umbulelo. | 66 |



UMthetho waBantwana

Ngonyaka ka-2005, ipalamente yoMzantsi Afrika yasayina uMthetho waBantwana wokucacisa nokutshintsha umthetho kwimiba enxulumene nabantwana. Ujongene nayo yonke imiba echaphazela abantwana ukuquka imigaqo yokusebenza kweendawo ezikhathalela abantwana.

Njengenxalenye yalo Mthetho, naliphina iziko elinikezela uncedo kubantwana ukusukela kubantwana abangaphantsi konyaka ukuya kwiminyaka emithandathu (0-6) kufuneka lifake isicelo sobhaliso “njengesibonelelo senkathalelo yabantwana” kwintloko yephondo yeSebe loPhuhliso lweNtlalo (DSD) kwiphondo apho iziko likhoyo.

Ukuze ubhaliso lwesibonelelo senkathalelo yabantwana lube yimpumelelo, isakhiwo kunye nabasebenzi kwiziko ngalinye kufuneka bathobelane nemiqathango kunye nemigangatho esetyenziswayo. Kuya kubakho uhlolo ukuqinisekisa ukuba oku kuyafikelelwa kuko kwakunye nokuba amaziko afanelekile futhi axhotyiswe ngokwaneleyo ekukhathaleleni abantwana.

UMthetho waBantwana ukwacacisa ukuba amaziko kufuneka abhalise “njengeenkqubo zophuhliso lwabantwana abasaKhulayo”. Kwesi sicelo, abasebenzi, inkqubo yemihla ngemihla yeziko, kwakunye neenkqubo nemigaqo-
nkqubo iya kuvavanywa ngokuchasene nemiqathango nemigangatho yoMthetho ekuqinisekiseni ukuba ifanelekile ekuphuhliseni nasekukhathaleleni abantwana basekhreshi.

UMthetho waBantwana ukwathi oorhulumente bephondo banganikezela inkxaso-mali kumaziko enkathalelo yabantwana neenkqubo zophuhliso lwabantwana abasakhulayo (ECD). Okubekwe phambili yimimandla yoluntu apho iintsapho zingenayo imali yokuhlawulela ezi nkonzo zabantwana babo.

Ukubhalisa iziko lakho le-ECD kubaluleke kakhulu, njengoko umthetho ufuna njalo. Ukungalibhalisi iziko kungabeka iziko esichengeni sokuba livalwe.

Xa ubhalisile, oko kuthetha ukuba uyaziwa yi-DSD, kengoko ungafikelela kuzo naziphina iinkonzo nenkxaso abanayo futhi ufake isicelo senkxaso-mali xa ifumaneka. Kukwanikezela abazali ukuzithemba ekubeni inkathalelo oyinikezela ebantwaneni babo iyafikelela kwimiqathango nemigangatho esemthethweni kwaye baya kukhuseleka. Iziko elibhalisiweyo kufuneka libe yindawo yokuqala kubazali kummandla wabo.



Indlela yokufaka isicelo sobhaliso lwenkathalelo yabantwana

Kufuneka ndilibhalise nini iziko lam njengesibonelelo senkathalelo?

Naliphina iziko nokuba likhaya elikhathalela abantwana abangaphaya kwesithandathu (abaminyaka 0-6) ngokucelwa ngabazali babantwana abo okanye abagcini babantwana, ngexesha elithile losuku ekuvunyelwene ngalo (ngokungeso sigxina) kufuneka kubhaliswe isakhiwo eso njengendawo yenkathalelo.

Kufuneka ndilibhalise nini kwakhona iziko lam lobhaliso?

- Ukuba sele ubhalisile kwaze olo bhaliso lwaphelelwa lixesha.
- Ukuba sele ubhalisile waze wandisa isakhiwo sakho ukwenzela ukuba kubekho indawo yabantwana abaninzi.
- Ukuba iziko lakho lisuke kwisakhiwo ebesikulo laya kwesinye isakhiwo.

Isebenza njani le nkqubo yobhaliso?

- Kufuneka ugcalise iFomu 11 (**jonga uXwebhu 1.2 kwiSihlomelo 1**) uyidibanise namanye amaxwebhu axhasa oku ewonke (**jonga uXwebhu 1.1 kwiSihlomelo 1**) uwase kwi-ofisi ye-DSD ekwizingqi yakho. Bhala phantsi igama nenamba yefowuni kanontlalo-ntle othathe isicelo sakho ukuze ukwazi ukufumana inkqubela-phambili ngesicelo sakho.
- Unontlalo-ntle kunye nomhloli wezempilo baya kutyelela iziko lakho ukuze bajonge ukuba lifanelekile na ekukhathaleleni abantwana abancinci. Bangafuna nezinye iinkcukacha.
- Emva kolu tyelelo lwesiza, iziko lakho liya “kubhaliswa ngokupheleleyo”. Uya kufumana isatifikethi esibonisa ukuba bangaphi na abantwana ovumeleke ukuba ubagcine kwiziko lakho. Kodwa ukuba unontlalo-ntle okanye umhloli

wezempilo ucinga ukuba kufuneka kubekho izinto ezithile ekufuneka uzitshintshile ngaphambi kokuba iziko lakho libhaliswe ngokupheleleyo, iziko lakho liya kunikwa “ubhaliso loxhomekeko” kwaye uyakunikwa ixesha lokwenza ezi nguqulelo.


Ngawaphi amaxwebhu ekufuneka ndiwagqithisile?

Kunye nesicelo sakho, kuya kufuneka ukuba ugqithise:

- Isicwangciso seshishini.
- Ubungqina bomgangatho wemfundo yakho kunye nabasebenzi bakho.
- Izatifikethi zoqinisekiso ezibonisa ukuba wena okanye abasebenzi bakho anikho kwiRejista yeSizwe yoKhuseleko loMntwana, eluluhlu lukarhulumente lwabantu abangafanelekanga ukuba basebenze nabantwana. Ukuba usalinde izatifikethi, kufuneka unikezele ubungqina bokufaka isicelo sezatifikethi.
- Izatifikethi zoqinisekiso ezisuka emaPoliseni zakho kunye nabasebenzi bakho bebonke (clearance certificates).
- Ii-afidavithi ezingqina ukuba akukho matyala ahlange ne nesini okhe wawenza kunye nabasebenzi bakho.
- Iikopi eziqinisekisiweyo ze-ID yakho kunye nezabasebenzi bakho.
- Iikopi entsha yerejista yabantwana abakhoyo kulo nyanga.
- Isicwangciso semihla ngemihla senkathalelo yabantwana/okwenzeka yonke imihla.
- Ilungelo lomhlaba, isivumelwano sengqeshiso okanye uxwebhu leMvume yokuHlala elaziwa njenge-Permission to Occupy (PTO).
- Umgaqo-siseko weziko lakho.
- Iikopi yezicwangciso zesakhiwo (eyamkelweyo okanye egqithiselwe ulwamkelo).
- Isicwangciso sakho sexesha likaxakeka.
- Umgaqo-nkqubo wakho woluleko.
- Imida echanekileyo yepropati (apho kufuneka khona).

La maxwebhu alandelayo awagunyaziselwanga isicelo sakho, koko angenza isicelo sakho sibe namandla, kengoko wafake ukuba unako:


- Ukuba iziko lakho libhaliswe njengombutho ongenzi inzuzo (NPO), isatifikethi se-NPO (non-profit organisation).
- Isatifikethi sempilo.
- Ulwakhiwo lwabalawuli beziko lwakho.
- Imenyu yemihla ngemihla.

Jonga  uXwebhu 1.1 loluhlu lwezinto ezihamba nesicelo

Isicwangciso seshishini

Isicwangciso seshishini luxwebhu elichaza ukuba kutheni na iziko lakho le-ECD

liqaliwe futhi linceda kweyiphi imfuno kummandla. Kufuneka sicacise nokuba bangaphi na abantwana abaneminyaka eyohlukeneyo abakhathalelwe kweli ziko nokuba liqhutywa njani. Oku kuya kuquka iinkcukacha malunga nemirhumo ehlawulwayo, iiyure zokuvula iziko, ngobani abasebenzi nokuba kwenziwa ntoni ebantwaneni kusuku ngalunye.

Jonga  uXwebhu 1.3 ukubona ithemplethi yesicwangciso seshishini.

Izatifikethi zesiqinisekiso phantsi kweSigaba B seRejista yeSizwe yoKhuseleko loMntwana

UMthetho waBantwana ufuna abasebenzi abasebenza nabantwana “babesempilweni futhi bafaneleke”. Enye yendlela onokubonisa ngayo ukuba wena nabasebenzi bakho nisempilweni futhi nifanelekile kukunikezela ubungqina bokuba amagama enu awekho kwirejista egcinwe yi-DSD yabantu abamiswe njengabangafanelekanga ekusebenzeni nabantwana.

Bonke abasebenzi, nokuba bazizigxina okanye bazigqatsile, kufuneka babenesatifikethi soqinisekiso kwakunye nabo bangasebenzi ngqo nabantwana, abanjengasebenzi basegadini okanye oonogada.

Ukuba iziko lakho linekomiti yabalawuli, kukwafuneka ukuba ugqithise isatifikethi soqinisekiso lwamalungu ayo.

Usihlalo wekomiti yabalawuli okanye umnini weziko le-ECD kufuneka agcwalise iifomu ezimbini. Ifomu 29 (Jonga uXwebhu 1.4) kufuneka igcwaliswe ize igqithiselwe umsebenzi ngamnye osebenza kwiziko nelungu ngalinye lekomiti, xa ekhona. Le fomu icela ukuba kwenziwe uphando lokufumanisa ukuba amagama abasebenzi bakho nawamalungu akho ekomiti akhona na kwiRejista yeSizwe yoKhuseleko loMntwana. Nalu uncedo malunga nefomu kunye namaxwebhu ahamba nayo:

- Kwicandelo eliphezulu, “Mna” ligama likasihlalo wekomiti yabalawuli/umnini weziko le-ECD.
- KwiCandelo 1 (“iNkcukacha zomsebenzi”), faka iinkcukacha zomsebenzi okanye amanye amalungu ekomiti owafunela isiqinisekiso. Ifomu engenye kufuneka igcwaliswe ize igqithiselwe bonke abasebenzi namalungu ekomiti.
- KwiCandelo 2 (“iNkcukacha zoMqeshi”), bhala igama lomnini weziko okanye owe-NPO uze unikezele iinkcukacha ezifanelekileyo zoqhagamshelwano.
- Kwifomu nganye oyifakayo, kufuneka uqhoboshele ikopi eqinisekisiweyo yesazisi sakho (umnini weziko okanye usihlalo wekomiti), kwakunye nomsebenzi ngamnye omfakela isicelo. Izazisi, iipaspothi okanye iziqinisekiso zokuzalwa ngamaxwebhu onke avumelekileyo.

Kufuneka ugqithise uze ugqithise iFomu 30 (Jonga uXwebhu 1.4) yakho (njengomnini okanye usihlalo), egameni lakho.

- Kwicandelo eliphezulu lefomu, “Mna” ligama lakho.
- Zonke ezinye iinkcukacha zezakho.
- Qhoboshela ikopi eqinisekisiweyo yesazisi sakho okanye ipaspothi.

lifomu ezigcwaliswe ngokupheleleyo kufuneka zithunyelwe ku:

The Director-General
 Department of Social Development
 Private Bag X901
 PRETORIA
 0001

NB: Akukho mfuneko yokulinda izatifikethi zoqinisekiso ukuba zide zifike ngaphambi kokuba ufake isicelo sokubhalisa iziko lakho njengesibonelelo sokukhathalela abantwana. Dibanisa nje kuphela isiqinisekiso sokuba usifakile isicelo sezi zatifikethi, oko kukuthi:

- likopi zefomu zonke ezigcwalisiweyo.
- likopi zizonke zee-ID.
- lirisithi zokuposa.

Izatifikethi zamapolisa zoqinisekiso nee-afidavithi

Xa sele kusebenza iRejista yeSizwe ye-Sex Offenders, kufuneka ugqithise isatifikethi samapolisa soqinisekiso ne-afidavithi eyeyakho kwakunye nomsebenzi ngamnye namalungu ekomiti yabalawuli. I-afidavithi yingxelo yokuba wena (okanye abasebenzi bakho okanye amalungu ekomiti) anizange nabanjelwa amatyala abhekiselele kwisini ebantwaneni okanye umntu okhubazeke ngokwasengqondweni. Ungazifumana zombini ezi fomu kwisikhululo sakho samapolisa kwingingqi.

Izatifikethi zamapolisa zoqinisekiso nee-afidavithi ziimfuno zethutyana. Xa sele iRejista yeSizwe ye-Sex Offenders isebenza, kuya kufuneka ugcwalise uze ugqithise iFomu 8 (uMmiselo 17(1)) eyeyakho nomsebenzi ngamnye namalungu ekomiti yabalawuli ucele iziqinisekiso ezingqina ukuba amagama enu awekho kule rejista.

Irejista yobukho

Le yingxelo yarhoqo ngenyanga yabo bonke abantwana ababhalisiweyo kwiziko abafika yonke imihla. Ungajonga uluhlu kusuku ngalunye uze ugcine ingxelo yokhoyo nongekhoyo umntwana. Le ngxelo iluncedo ekuqondeni ukuba kutheni abantwana benayo okanye bengenayo inkqubela-phambili kwakunye nokuphawula imiba ephambili. Ikwafuneka kwizicelo zenkxaso-mali.

Jonga  kuXwebhu 1.5 ithemplethi yerejista yobukho.


Isicwangciso senkathalelo yemihla ngemihla

Isicwangciso senkathalelo yemihla ngemihla sibonisa indlela olucwangciswe ngayo usuku ngokwemisebenzi efunekayo yenkathalelo efanelekileyo nophuhliso lwabantwana abasakhulayo.

Abantwana abaneminyaka eyohlukeneyo bafuna amaxesha awohlukileyo okuphumla, ukudlala ngokukhululekileyo kwakunye nenkuthazo ekhokelwa ngabanikezeli benkathalelo – kwaye oku kufuneka kubonakale kwizicwangciso ezizodwa kwiqela ngalinye leminyaka eyohlukeneyo.

Isicwangciso esifanelekileyo senkathalelo yemihla ngemihla siqwalasela amaxesha awohlukileyo abantwana abathi bakwazi ukuzikisa ingqondo kumsebenzi omnye futhi sinikezele okuninzi ngexesha lasemini, nokwakha izakhono ezohlukeneyo nezifanelekileyo kwiminyaka yabo:

- **Izakhono ezaziwa njenge-Gross motor skills** ziphuhliswa xa abantwana bedlala futhi bengaphandle bexhumaxhuma, begwencela, betsibatsiba, bebaleka futhi bekhasa.
- **Izakhono ezaziwa njenge-Fine or small motor skills** zifundwa kwimisebenzi yezandla enjengokuthunga, ukusika, ukuncamathisela, ukutya nokwakha – oku kufuneka kube yinxenye yosuku ngalunye.
- **Ukuthetha, ukuhamba-hamba, umculo nezakhono zokuphulaphula** zifundwa ngamaxesha eeseshini ezithile ezimiswe ngamagcisa kwizinto ezithile (practitioners).
- **Uphuhliso lokuqonda (Cognitive)** lwenzeka xa abantwana becelwa ukuba basombulule iingxaki, benze izigqibo, badlale imidlalo eyimfundiso ngeethoyi ezinemfundiso kunye neephazili.
- **Izakhono zentlalo nokufunda ukuzimela** zifundwa kwimisebenzi yemihla ngemihla enjengokuya kwindlu yangasese nokuhlamba, amashwamshwam (snack) nesidlo sasemini, amaxesha okucoca.
- **Izakhono zolwimi nokuphulaphula** ziphuhliswa ngexesha lokubaliswa kwamabali.
- **Izakhono zobugcisa (ukwazi ukuyila)** zifundiswa kwimisebenzi enjengokupeyinta, ukuzoba nokudlala ngodongwe.
- Usuku ngalunye kufuneka lubandakanye **ukudlala ngokukhululekileyo**, nemisebenzi eyohlukeneyo engakhokelwa ngumnikezeli wenkathalelo, kwakunye nexesha lokuphumla.

Jonga  kuXwebhu 1.6 umzekelo wesicwangciso senkathalelo yemihla ngemihla kwakunye nethemplethi.

Uxwebhu lweMvume yokuHlala, isivumelwano sengqeshiso okanye ilungelo lomhlaba

Ukuba uqhuba iziko lakho le-ECD kwisakhiwo esisesakho okanye se-NPO, kufuneka ube nelungelo lomhlaba okanye uxwebhu lweMvume yokuHlala (PTO) elivela kwiziphatha-mandla ezingabanini bepropati.

Kodwa ukuba ipropati yeyomnye umntu futhi bakuvumele ukuba uyisebenzise, uya kufuna isivumelwano sengqeshiso. Olu luxwebhu olusemthethweni elibhalelwe ukumisa iimeko zeqela elinye eliqeshisayo okanye elirenta amaziko komnye. Isivumelwano sengqeshiso singqina ukuba iziko lakho linemvume yokusebenzisa indawo eliyisebenzisayo kwixesha elithile, ukuba ayiyoyakho. Isivumelwano kufuneka siqulathe amagama needilesi zasekhaya zamaqela amabini, umqeshi (wena njengomnini weziko/usihlalo wekomiti yabalawuli) nomqeshisi (umnikazi-mhlaba/umnini wepropati), kwakunye nemigaqo enjengale:

- Ubude **bexesha lengqeshiso**.
- **Imali yerenti** yarhoqo ngenyanga.
- **Singasetyenziselwa ntoni** isakhiwo sengqeshiso.
- **Ingarhoxiswa** njani, nini ingqeshiso.
- Ngubani onoxanduva **logcino neentlawulo** zerhafu kunye nezinye izibonelelo.

 UXwebhu 1.7 luqulathe isampulu yesivumelwano sengqeshiso.


Ubhaliso nomgaqo-siseko wombutho ongenzi nzuzo

Akukho mfuneko yokuba ube yi-NPO ukuze ubhalise iziko lakho le-ECD njengesibonelelo sokukhathalela abantwana. Kodwa, ingayimbono entle kakhulu, ingakumbi ukuba ufuna ukufaka isicelo senkxaso-mali kwi-DSD kuba unceda iintsapho ezidinga imali. Ukufumana iinkcukacha ezibanzi malunga nezibonelelo zokuba yi-NPO nokuqalisa inkqubo yobhaliso, cela ukuhlangana negosa lophuhliso lwemimandla elisuka kwi-DSD.

Izicwangciso zexesha likaxakeka

Le yimigaqo-nkqubo neendlela zokujongana nexesha likaxakeka neentlekele.

- **Zibhale phantsi uze uzibeke endaweni ebonakalayo** kwiziko lakho.
- Bandakanya **iindlela zokuphuma** ngeli xesha lakho likaxakeka. Le yingcaciso yokuba kufuneka uphume nini, kanjani kwisakhiwo xa kunokuqhambuka umlilo okanye enye ingxaki engxamisekileyo.
- Bonke abasebenzi kufuneka bazifunde futhi baziqonde ukuze **bazi ukuba kufuneka benzeni ngexesha likaxakeka**.
- Kufuneka **bahlale besazi futhi bavavanywe baphinde bahlaziye** rhoqo ngokuqhelaniswa noku, abantwana kunye nabasebenzi bebonke.

Jonga  kuXwebhu 1.8 ithemplethi nesampulu yesicwangciso sexesha likaxakeka.

Umgaqo-nkqubo woluleko


Imiqathango nemigangatho echaza ngokukodwa ukuba ululeko kufuneka lugunyaziswe ngenkathalo kunye nentlonipho emntwaneni futhi lube nenjongo yokwakha isimilo somntwana.

Qaphela ukuba kukho umahluko phakathi koluleko nokohlwaya, futhi ukohlwaya akufunekanga kusetyenziswe kwiziko le-ECD. Endaweni yoko, ululeko olwakhayo kufuneka lukhuthazwe. Ululeko olwakhayo lufundisa abantwana **indlela yokuziphatha kakuhle ngaphandle kokubenza bakhathazeke okanye bazive bejongelwe phantsi**. Ululeko olwakhayo lukwakhulisa ukuzithemba ebantwaneni ngokuncoma ukuziphatha kakuhle nokubonisa abantwana iindlela zokwenza izinto ngokufanelekileyo.

Jonga  kuXwebhu 1.9 umzekelo nethemplethi yomgaqo-nkqubo woluleko.

Ulwakhiwo lwezikhundla zabalawuli


Olu xwebhu lungomeleza isicwangciso seshishini osigqithisayo futhi lunikeze iinkcukacha malunga neqela elilawula iziko (oko kungathetha ikomiti yabalawuli), ukuquka ukuba bangobani na (amagama abo) futhi besenza ntoni na kwiziko.

Jonga  kuXwebhu 1.10 ithemplethi yolwakhiwo lwabalawuli be-NPO, nengasetyenziswa kumaziko angezizo ii-NPO.

Izicwangciso ezamkelweyo zolwakhiwo

Isicwangciso solwakhiwo sibonisa umfanekiso omncinci wesiza sakho se-ECD ephepheni. Umyili wezakhiwo okanye unocanda angakuzobela izicwangciso zolwakhiwo. Ukumisa ukuba zeziphi izinto ezifunekayo kummandla wakho, nceda uthethe nonontlalo-ntle kwingingqi yakho oyakuthi akwazi ukukugqithisela kwisebe elifanelekileyo likamasipala.

Nanku umzekelo olula wesicwangciso sesiza.




Ulwamkelo lwemida

Naliphina isuntswana lomhlaba eliyinxenye yesicwangciso esimanyanisiweyo sikamasipala siya kumiswa ngokwemida, mida leyo ebonisa ukuba isiza eso singasetyenziselwa ntoni na. Ukusebenzisa isiza sakho seziko le-ECD, imvume eyodwa iye ifuneke esuka kumasipala. Ukufumanisa ukuba oku kuyafuneka na kummandla wakho, nceda uthethe nonontlalo-ntle kwingingqi yakho oyakuthi akwazi ukukugqithisela kwisebe elifanelekileyo likamasipala.

Imenyu yemihla ngemihla

Ukuze ukhule futhi uphuhle ngendlela efanelekileyo, abantwana bafuna isidlo esifanelekileyo. Iziko le-ECD lingadlala indima enkulu apha ngokuqinisekisa ukuba abantwana banikwa izidlo ezohlukeneyo ezinezakha-mzimba.

Jonga  kuXwebhu 1.11 ithemplethi enobungakanani obucetyiswayo kwiminyaka eyohlukeneyo (esuka kwiNkqubo eManyanisiweyo yeSondlo eNtshona Koloni) kunye nethemplethi yesicwangciso semenyu sarhoqo ngeveki.



Indlela yokulungiselela uhlolo

Imiqathango nemigangatho yingqokelela yezikhokelo ezisetyenziswa ngoonontlalo-ntle abasuka kwi-DSD ekujongeni ukuba isiza sakho sifanelekile na ekukhathaleleni abantwana, kwakunye nokuba bangaphi na abantwana abafanelekileyo kuso. Abahloli bempilo kokusingqongileyo baya kukwenza imilinganiselo yesiza ngokuchasene nemingatho yemithetho kamasipala wengingqi.

Ezinye zezinto abaya kuziqwalasela zidweliswe apha ngezantsi. Ungenza amalungiselelo ohlolo ngokwenza okona kungcono onako ukukwenza ekuhlangabezani ezi mfuno.

Ukhuseleko

Isiza siya kuhlololwa ukhuseleko. Qinisekisa ukuba:

- Kukho **ukubiywa okuthile** kwipropati iyonke ukugcina abantwana bengaphakathi futhi bangahlangani nabantu abangabaziyo. Kufuneka kubekho **igeyithi abantwana abangasayi kukwazi ukuyivula ngokwabo netshixekayo** xa abantwana sele befikile.
- **Izakhiwo kufuneka zizinze** futhi zibe kwimeko entle elungisekayo.
- Indawo kunye nezixhobo zizonke **zikhuseleke, zicoceke futhi zikhathalelwe kakhulu**.
- **Abantwana bakhuseleke** kwiingozi zomlilo, ezinye iingozi ezinokwenzeka nakwizinto ezinobungozi. Lumkela iindawo zamanzi ezivulekileyo, izingingqi, iingcingo zombane, izinto ezenza shushu okanye ezinokubangela umlilo okanye izinto ezinobungozi, uze uqinisekise ukuba abantwana abakwazi ukufikelela kuzo. Ukuba usebenzisa irhasi xa upheka, iikhonteyina zerhasi kufuneka zigcinwe ngaphandle zivaleleke kwikheyiji.
- Rhoqo **kuhlala kukho umntu omdala ojonge** abantwana.

Ucoceko jikelele

Ucoceko olufanelekileyo lubalulekile ekukhuseleni abantwana kwizifo nasekuguleni. Qinisekisa ukuba:

- Iziko **lihlala licocekile** ngaphakathi nangaphandle. Inkunkuma kufuneka ikhutshelwe ngaphandle kumagumbi okudlalela yonke imihla, namanzi amdaka achithwe ngokukhawuleza nangokukhuselekileyo. Indawo engaphandle kufuneka ingabinayo ingca ende, amaphepha amdaka, ukulahlwa kwezinto phantsi, amanzi amileyo kunye nanye nje inkunkuma.
- **Akukho zilwanyana ezigcinwa kwisiza**, futhi iinzame kufuneka zenziwe zokususa kuphinde kukhuselwe ukuzala kwezitshabalalisi ezinjengeempuku neencukuthu.
- **Imigangatho inomphezulu ogudileyo** nekulula ukuyicoca.
- **lithoyi zabantwana abaneminyaka engaphantsi kwesibini ziyahlanjwa** futhi zibulawe iintsholongwane ngokuzihlamba ngamanzi ashushu anesepha kusetyenziswa ibrashi, zipulwe ngamanzi acocekileyo, kufakwe umxube wokubulala iintsholongwane kangangemizuzu emibini ubuncinane kwaye zomiswe emoyeni.
- **Izinto zokulala namashithi zihlanjwa rhoqo ngeveki ubuncinane**, kwaye umntwana ngamnye unetawuli yakhe yobuso exhonywe ngephegi yakhe yedwa nebhalwe igama lomntwana.
- **Iindawo zokudlala ezinesanti (sandpits)** kusetyenziswa isanti efanelekileyo, ziyogqunywa ebusuku, zireyikhwe Kanye ngeveki kuze kufake izibulali-ntsholongwane xa zimdaka. Xa usebenzisa izibulali-ntsholongwane ugalela isepha okanye isibulali-ntsholongwane sasendlini esantini iyonke okanye ureyikhe ityuwa apha esantini. Ukuba ingcole kakhulu, Isanti kufuneka itshintshwe iyonke.

Indawo nokungena kwanokuphuma komoya (iventileyishini)

Ubungakanani bendawo efunekayo kumntwana ngamnye bungangafani phakathi koomasipala, kodwa isikhokelo esiyisampulu sesi:

- Umntwana ngamnye kufuneka ene-1.5 square metres yendawo yokudlala ngaphakathi. Ungenza umlinganiselo wendawo ngokuthatha izitephu ezikhulu ukusuka edongeni ukuya kolunye. Uze uziphindaphinde ububanzi bazo ngobude. Zahlulele ngo-1.5, uyawufumanisa ukuba bangaphi na abantwana ekufuneka bekwelo gumbi.

4 big steps

$5 \times 4 = 20$ square metres

$20 / 1.5 = 13.33$

This room is suitable for 13 children

5 big steps

- Umntwana ngamnye ukwafuna 2 square metres yendawo ngaphandle.
- Qinisekisa ukuba kukho ukukhanya okwaneleyo nomoya ofreshi ongenayo kwindawo yokudlala engaphakathi nokuba ungena ngeefestile neminyango – kufuneka oku kube kumacala ajongeneyo ukuvumela ukuba umoya uhambe kakuhle.
- Yaba iindawo ezohlukeneyo kwimisebenzi eyohlukileyo (ukufunda, ukunxiba, indawo yobuchule, umculo, njl-njl.) ekulula ukuba zibonwe ngabantwana futhi baziqonde. Yenza ezi ndawo usebenzisa ifinishala ukohlula amagumbi uze ubeke iileyibhile kwezi ndawo zohlukeneyo edongeni.



Amanzi okusela

Abantwana kufuneka bakwazi ukufumana amanzi acocekileyo, akhuselekileyo. Ukuba awunayo impompo yamanzi, amanzi angacocwa ngokusebenzisa izikhokelo ezamkelweyo zempilo kuzwelonke ngokufaka itisipuni elinye lebhilitshi kuma-25 eelitha zamanzi. Ngokwemimiselo ye-DSD, amanzi acocekileyo kufuneka afumaneke kuso nasiphina isiza senkathalelo yabantwana; izikhokelo ze-EHP kwelinye icala zichaza ukuba i-10–25 yeelitha zamanzi kumntu ngamnye kufuneka zifumaneke futhi zigcinwe ngokukhuselekileyo kumaziko.

Zonke iikhonteyina zamanzi kufuneka zihlale zivaliwe ngalo lonke ixesha.

Izindlu zangasese

Izibonelelo ezikhathalela abantwana abasebancinci kufuneka zibe neepowu, izindlu zangasese nezitya zokuhlambela.

Kubantwana ukuya kwimiminyaka emithathau ubudala, nantsi eminye yemimiselo yokusetyenziswa kwendlu yangasese:

- Apho kungekho mibhobho yokuhambisa amanzi amdaka okanye izibonelelo zokuhlamba, kufuneka kubekho iipowu, ipowu nganye kubantwana abahlanu abangaphantsi kweminyaka emithathau ubudala.
- Ituwa leyo ekwiipowu kufuneka ilahlwe ngendlela ecocekileyo.
- Hlamba iipowu emva kokuzisebenzisa uze usebenzise isibulali-zintsholongwane kwindawo eyohlukileyo.
- Kufuneka ube nendawo ebucala ebekelwe ukutshintsha amanaphukeni kwindawo ekulula ukuyihlamba. Le ndawo kufuneka ibekude lee nendawo yokulungiselela ukutya.

Kubantwana abaphakathi kweminyaka emithathau nemithandathu ubudala:

- Apho ikhoyo imibhobho yokuhambisa amanzi amdaka (sewerage), nikezela **ngendlu yangasese enye kunye nesinki yokuhlambela izandla kubantwana abangama-20**.
- Apho zingekhoyo izibonelelo zokuhambisa amanzi amdaka, **kufuneka kubekho indlela engenye efanelekileyo yendlu yangasese** ekufutshane nesibonelelo sokukhathalela abantwana.
- Apho kungekho zitya zokuhlambela, **beka ikhonteyina enye efanelekileyo kubantwana abangama-20**. Hlamba futhi uzitshintshe ezi khonteyina rhoqo.
- Qinisekisa ukuba **izindlu zangasese zicocekile futhi zikhuselekile**, futhi zineziciko ezikhusela ukuba abantwana bangatshoni ngaphakathi
- **Qinisekisa ukuba abantwana bayakwazi ukusebenzisa izindlu zangasese ezi kombiwa umngxunya zibizwa njenge-pit latrines**, nekufuneka ukuba ubungakanani bazo nobude kufuneka benziwe bube buncinci bulingane bona. Kufuneka ukwazi ukuvula iingcango ungaphandle.
- **Qinisekisa ukuba abantwana abangaphezulu kweminyaka emithathau bayakwazi ukufikelela kwizindlu zangasese nezibonelelo zokuhlamba**

izandla, into ethetha ukuba kufuneka usebenzise amanyathelo akhuselekileyo neziguquli zezihlalo okanye izindlu zangasese zabantwana nezitya zokuhlambela izitya ezilingene bona.

- Kufuneka **kuhlale kukho iphepha lokosula eloneyo, isepha neetawuli ngawo onke amaxesha.**
- Makubekho **umntu omdala ojonge abantwana ngawo onke amaxesha** xa besebenzisa indlu yangasese.
- Thobela **imimiselo yeziphatha-mandla zengingqi, imithetho kamasipala kunye neemfuno zempilo.**

Ugcino olukhuselekileyo lwezinto ezinobungozi

Nayiphina into okanye izinto ezingamanzi ezinokuthi zonzakalise abantwana kufuneka zigcinwe kude nabo okanye zitshixelwe.

Qinisekisa ukuba:

- **Ugcina amayeza, izinto zokucoca kunye naziphina izinto ezinobungozi kude kakhulu ebantwaneni.** Ezi zinto ziquka iparafini nerhasi. Ziphawule ngokucacileyo futhi uzigcine kwikhabhathi ezizodwa, ezitshixiweyo okanye abantwana abangakwaziyo ukuzivula (childproof).
- **Gcina izinto ezinobungozi, imateriyali, izixhobo ezibukhali nezinye izixhobo zikude kakhulu nabantwana.** Izinto ezinobungozi ziquka izinto ezisebenza ngombane.
- **Gquma iiplagi zombane.**

Ukulahlwa kwenkunkuma

Kubaluleke kakhulu ukugcina abantwana kude nenkunkuma njengoko oko kukhusela ukusasazeka kwezifo nongcoliseko, kukwaqinisekisa ukuba indawo ebangqongileyo ihlala ikhuselekile.

- Xa kufanelekile, qinisekisa ukuba **umasipala uyilahla rhoqo inkunkuma.** Ukuba akunjalo, yiba **nomngxuma wokulahla inkunkuma apho abantwana bengenokwazi ukufikelela kuwo;** yibiyele le ndawo ukuqinisekisa ukuba abakwazi ukungena ngaphakathi.
- **Gquma imigqomo yenkunkuma** nezinye iindawo zenkunkuma.
- **Sebenzisa isibulali-zintsholongwane rhoqo kwiindawo ekubekwa kuzo imigqomo.**

Amalungiselelo okutya

Ukuba nasiphina isidlo siphekwa kwiziko, kubalulekile ukuba le ndawo ikhuseleke futhi icoceke – ikakhulu abantwana bangakwazi tu ukufikelela kuyo.

Ukufikelela kwimiqathango nemigangatho, qinisekisa ukuba:

- Kukho indawo **esecaleni – ekhuselekileyo – yamalungiselelo okutya nokuhlamba izitya.**

- Kukho **indawo yokutya** yabantwana.
- Kukho **ifriji okanye esinye esibandisi esingesinye** ukuba unokutya okunokumoshakala – kungenjalo ukutya okunjalo kufuneka kuthengwe ngosuku okuza kusetyenziswa ngalo.
- **Indawo yokutya ikude kakhulu nabantwana.**
- Kukho **amanzi acocekileyo nezinto zokuhlamba izitya.** Amanzi ashushu ngawona alungelileyo ekucozeni ngendlela efanelekileyo.
- Ukutya kugcinwa **kwiikhonteyina ezivalekileyo** ngaphambi kokuba kunikwe abantwana okanye banikwa ngokukhawuleza emva kokuba kuphekiwe.

Ukuba kukho abantwana abangaphantsi kweminyaka emibini ubudala, qinisekisa ukuba:

- Kukho **indawo eyodwa yamalungiselelo nokuhlanjwa kweebhotile.**
- Kukho izibonelelo ezifanelekileyo **zokugcina ubisi nokunye ukutya kwabo.** Ubisi kufuneka lugcinwe kumaqondo angekho ngaphezulu kwe-5 degrees futhi kubekwe iliso kulo yonke imihla, okanye iibhotile kufuneka zenziwe xa zifuneka kuphela.
- **Iibhotile esele zisetyenzisiwe kufuneka zibulalwe iintsholongwane (sterilised)** kusetyenziswa iindlela ezamkelweyo okanye zithunyelwe ekhaya ukuze oko kwenziwe khona, nokuba iibhotile ezongeziweyo ezoneleyo ziyafumaneka ukukhusela ukusetyenziswa kwakhona kweebhotile zingakhange zibulalwe iintsholongwane.

Ukwahlukaniswa kwabantwana ngokweminyaka yabo

Ukuze abantwana bafumane inkathalelo nengqwalaselo efanelekileyo, kubalulekile ukuba bohlukaniswe ngokwamaqela amancinci. Abantwana kufuneka bohlukaniswe ngokweminyaka eyohlukeneyo:

- 0–18 iinyanga
- 18 iinyanga –3 iminyaka
- 3–4 iminyaka
- 4–6 iminyaka

Ukuba kukho abantwana abeza kugciniswa emva kokuphuma kwesikolo, kufuneka bagcinwe ngokwahlukeneyo kwabo baneminyaka engu-0–5 ubudala.

Ukuba neendawo ezohlukeneyo zangaphandle kwiminyaka eyohlukeneyo kubaluleke kakhulu. Ukuba oku akwenzeki, amaqela awohlukeneyo abantwana kufuneka batshintshane ekusebenziseni iindawo ezingaphandle ngokusebenzisa inkqubo yemihla ngemihla.

Ukukhathalelwa kwabantwana abangaphilanga

Wena nabasebenzi bakho kufuneka nikwazi ukuphawula abantwana abangaphilanga futhi nikwazi ukubathumela kwiinkonzo ezifanelekileyo zempilo. Okubalulekileyo kukuba wena neqela lakho kufuneka niye kuqeqesho lwempilo noncedo lokuqala kwindawo eqinisekisiweyo okanye niqeqeshwe kwiklinikhi yengingqi.

Xa umntwana engaphilanga, kufuneka uthobele ezi ndlela zilandelayo:

- Phawula umntwana ongaphilanga **uze uxelele abazali ngesigulo eso okanye ingxaki leyo**, okanye abantu abakhathalela abantwana okanye usapho ngokukhawuleza.
- **Thatha umntwana ongaphilanga umse kwindawo yabagulayo**, okanye nayiphina indawo ekhuselekileyo okanye igumbi apho anokuncedwa khona.
- **Ngokukhawuleza, mbeke yedwa kude kwabanye umntwana ekufunyaniswe ukuba unesifo esosulelayo** (imasisi, i-chickenpox, njl-njl.) uze umthumele kwisibhedlele okanye iiklinikhi ekufutshane ukuze avavanywe ngokubanzi futhi anyangwe.
- Ukuba umntwana unamayeza amiselwe wona, **mnike amayeza akhe njengoko kuyalelwe njalo** ngabazali.
- **Yisa umntwana kwisibhedlele okanye iiklinikhi ekufutshane** ukuze anyangwe futhi athunyelwe kwindawo efanelekileyo xa kubonwa imeko yexesha likaxakeka.

Gcina nerejista yeziganeko zempilo neengozi ezenzeka kwiziko.

- Inkqubo yogonyo/ishedyuli nengxelo kaVithamin A (ikopi ye-Road to Health Booklet).
- Imbali eyeyakhe neyonyango.

Gcina nerejista yeziganeko neengozi ezenzeka kwiziko.


Jonga  kuXwebhu 2.1 ithemplethi yengozi/irejista yeziganeko.


Jonga  kuXwebhu 2.2 ithemplethi yembali yezonyango.

Imigaqo-nkqubo yenkathalelo yempilo

Beka elubala imigaqo-nkqubo neendlela ezinxulumene nenkathalelo yempilo yabantwana ngexa bekwisibonelelo sakho senkathalelo. Le migaqo-nkqubo neendlela kufuneka zijongane noku kulandelayo:

- Indlela yokuqaphela abantwana abagulayo.
- Indlela yokugcina amayeza ekhuselekile.
- Indlela zokujongana nabantwana abagulayo.
- Izikhokelo zokukhusela usasazeka kwezifo.

Jonga  kuXwebhu 2.3 umzekelo womgaqo-nkqubo wempilo, ukugula nococeko.

Jonga  kuXwebhu 2.4 ithemplethi yengxelo yamayeza anikezwe abantwana.

Ukukhubazeka

Ukuba kukho nabaphina abantwana abakhubazekileyo kwisiza sakho, kufuneka uqinisekise ukuba:

- **Bayakwazi ukufikelela kuso** – umzekelo, kufuneka kubekho indawo ethambekileyo elungiselelwe abantwana abasebenzisa izitulo ezinamavili (wheelchair) okanye izindlu zangasese ezilungele abantu abakhubazekileyo.
- Izixhobo ezifanelekileyo nenkqubo yemihla ngemihla **zifanelekile kwiimfuno zabo**.
- Abantu abakusebenzelayo **baqeqeshelwe ukukhathelela iimfuno ezizodwa** zaba bantwana.

Izicwangciso zexesha likaxakeka

Kubalulekile ukucwangcisa ixesha likaxakeka futhi uqinisekise ukuba bonke abasebenzi nabantwana bayazi ukuba kufuneka benzeni ngexesha likaxakeka.

- Beka isicwangciso sexesha likaxakeka endaweni ethe gca, ukuquka neendlela zokuphuma, futhi ukugcine konke oku kungaphelwa lixesha. Hlala ukuvavanya, ukwakuhlaziya rhoqo oku.
- **Zibeke endaweni ebonakalayo iinkqubo zexesha likaxeka** neenombolo zoqhagamshelwano ezifanelekileyo, ukuquka ezabacimi-mlilo, amapolisa, inqwelo yezigulana, iiklinikhi, isibhedlele, ugqirha nezempendulo yento yonke enokuqhambuka, njl-njl.
- **Qeqesha abasebenzi bakho** bakwazi ukujongana neemeko xesha likaxeka.
- **Qinisekisa ukuba abantwana bayazi** ngeemeko nokufuneka kwenziwe ngexesha likaxakeka.

Izithuthi

Ukuba iziko lakho le-ECD lenza amalungiselelo esithuthi sabantwana, kufuneka ube nomgaqo-nkqubo wezothutho onawo. Lo mgaqo-nkqubo ujolise ekuqinisekiseni ngezithuthi ezikhuselekileyo. Beka elubala umgaqo-nkqubo wezithuthi weziko lakho ukuze abazali bazazi izikhokelo zezithuthi ezikhuselekileyo.

Jonga  kuXwebhu 2.5 umzekelo womgaqo-nkqubo wezothutho.


Iingxelo neerejista

Iingxelo neerejista ezithile ziyafuneka ekubonakaliseni ulawulo olufanelekileyo lweziko.

Irejista yeenkcukacha zabantwana

Gcina iinkcukacha ezithile malunga nomntwana ngamnye xa befaka izicelo zokuza kwiziko lakho, ukuquka:

- Amagama apheleleyo, isini, umhla wokuzalwa kunye nenamba ye-ID.
- Amagama, iidilesi kunye neenombolo zoqhagamshelwano zabazali, abanikezeli benkathalelo kunye namalungu osapho.
- Umhla wolwamkelwa nowokuphuma kwiziko.
- Nakuphina ukukhubazeka, imeko yonyango oluqhubekekayo (chronic) okanye iimfuno ezithile zokutya kunye naluphina ulwazi olungolunye olubalulekileyo ekukhathaleleni nasekukhuliseni umntwana.
- Naliphina ixesha lokungabikho kwiziko lenkathalelo.

Jonga  kuXwebhu 2.6 ifomu eyithemplethi yokugcina ezi nkukacha zingephi.

lifayili zabantwana

Ukongeza kwirejista yeenkcukacha zabantwana, gcina ifayili eyodwa yomntwana ngamnye, ebandakanya oku kulandelayo:

- Nawaphina amaxwebhu afanelekileyo afunyenwe ngexesha lolwamkelo.
- Naluphina uxwebhu okanye uthungelwano olunxulumene nomntwana.
- Iingxelo okanye amanqaku malunga nokulibaziseka ekukhuleni komntwana okanye ukukhubazeka okubangelwa lulo naluphina uphambuko ekukhuleni ngokweminyaka nangendlela eqhelekileyo.
- Iingxelo okanye amanqaku ayo nayiphina indlela engaqhelekanga yokuziphatha ekufuneka ixeliwe kumzali okanye umkhathaleli womntwana.
- Iingxelo namanqaku malunga nakuphina ukwenzakala okuqatshelweyo ngexesha lenkathalelo yemihla ngemihla, ukuquka nayiphina imbonakalo enxulumene nokuphathwa gadalala komntwana (abuse).

Irejista yoluleko

